# Iimvakalelo zam

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Kubaluleke ngantoni ukucoceka?
2. Chaza ukubaluleka kwabahlobo.



EXTRACT PAGES

Ndiphuphe kamnandi phezolo. Ibingumhla wokuzalwa kwam. Ingasentle ikeyiki yam. Ndavuka!

Lalingantoni iphupha?



EXTRACT PAGES

Ndiva kamnandi xa ndihleka amazinyo am ecocekile.
Ndiwahlamba kusasa nangokuhlwa.
Umama uthi kufuneka ahlale ecocekile ukuze angaboli.


Kumele ahlanjwe kangaphi ngosuku amazinyo?



EXTRACT PAGES

Umama unesitiya sakhe eyadini yakhe.
Kumnandi xa ndisitya ukutya okunezakha-mzimba.
Ndiva kuthe ngco entliziyweni.


Chaza ukuba yintoni etyalwa esitiyeni.



EXTRACT PAGES

Ndithanda ukuya kumzi wezilwanyana.
Ndibukela izilwanyana zasendle.
Kukho indlulamthi, iqwarhashe,
ingonyama nendlovu.

Bala izilwanyana zasendle azibukelayo.



EXTRACT PAGES

Kuyandonwabisa ukuzilolonga.
Esikolweni senza imithambo qho ngoLwesithathu.
Ndiyayithanda kuba ndihlala ndidlamkile imini yonke.



Chaza ukuba kwenzeka ntoni xa enze imithambo.



EXTRACT PAGES

Akukho nto ndiyithanda njenge-ayiskhrim.
Ndiyimunca ndiziqikaqike ndonwabile.
Ndiyithanda ngaphezu kwemifuno.

Ucinga ukuba bonwabile ukutya ezi ayiskhrim?



EXTRACT PAGES

Isipili ndiyasithanda kakhulu.
Ndizibuka kuso ndipitshoza, ndincumile ndicula.
Ndilibale nokuba umama ebendithumile.

Ucinga ukuba kutheni abantu besithanda isipili.




Ndiyonwaba xa ndincokola nabahlobo bam. Sidlala imidlalo emnandi sabelana nangezimvo.

Kubaluleke ngantoni ukuba nezihlobo?



EXTRACT PAGES

ULiso ufumene umhlobo omtsha.
Le yintombazana efikayo esikolweni sabo.
Umhlobo wakhe omtsha umxelele ukuba wafumana ingozi yemoto.

Kwenzeka ntoni kumhlobo kaLiso omtsha?



EXTRACT PAGES

Ndiyathandwa ngumama wam.
Uyandigona andibeke esifubeni sakhe.
Ndiba neemvakalelo zovuyo.

Chaza ukuba zintoni ezenziwa ngoomama ezibonakalisa ukuba bayasithanda.



EXTRACT PAGES

Kufike umfoti ekhaya namhlanje ozokusifota.
Sonke sinxibe iimpahla ezintle sidibanisa noNoni.
Sonwabile siyafota, sincumile.

Babephi xa babethatha iifoto?


EXTRACT PAGES

Umfoti uthatha ifoto yam noNoni.
UNoni wonwabile ufana nathi.
Nditshintshatshintsha iimpahla ezintle.

Ucinga ukuba wayezitshintshatshintshela ntoni iimpahla?



EXTRACT PAGES

Ebusuku qho apha ekhaya siyathandaza.
Sibulela kakhulu ngemini yanamhlanje.
Sicela ukuba sikhuselwe kwakhona
kwimini elandelayo.
Asilali singathandazanga kuba silala
kamnandi xa sithandazile.

Ucinga ukuba kubaluleke ngantoni ukuthandaza?



EXTRACT PAGES

Umama kaLiso uyokundwendwela umakhulu kwenye ilali.
ULiso akathandi xa umama wakhe engekho.
Uthi akakwazi ukulala xa umamakhe engekho ekhaya.

Uziva kanjani uLiso xa umama wakhe engekho?



EXTRACT PAGES

ULiso uyathanda ukudlala kujingi.
Akathandi xa ujingi ujingela phezulu, uyoyika.
Woyika ukuwa onzakale.

Yintoni athanda ukuyidlala uLiso?



EXTRACT PAGES

Chapha! Chapha! Chapha!
Imanzi ilokhwe yam. Imanzi ibrukhwe yam.
Imvula! Imvula!
Abantwana bayawathanda amanzi!

Athini amachaphaza xa kunetha?